



## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2019

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P3

AMANQAKU: 100

IXESHA: iiyure 2½



Olu viwo lunamaphepha ama-6.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathi emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathi emifutshane	(20)


2. Phendula umbuzo ubemNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/flowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
- 80 emizuzu kwiCANDELO A.
  - 40 emizuzu kwiCANDELO B
  - 30 emizuzu kwiCANDELO C.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lembuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.  
QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiwego.
10. UBUDE BEEMPENDULO:  
ICANDELO A: Izincoko-Bhala isincoko esili-190–240 amagama.  
ICANDELO B: Imihlathi emide- Bhala ama-80–100 amagama.  
ICANDELO C: Imihlathi emifutshane-Bhala ama-60–80 amagama.  
[umxholo kuphela]
11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190–240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuyila.

- |     |   |      |
|-----|---|------|
| 1.1 | Mhla kwakuphuma iziphumo zokuphela konyaka zebanga le-11.   | [50] |
| 1.2 | Amava   | [50] |
| 1.3 | Amakhasi onxibelelwano angasiphucula isakhono solwimi.  | [50] |
| 1.4 | Ulwimi lokufundisa ezikolweni malube lulwimi lwenkobe.  | [50] |
| 1.5 | Ndaphoxeka kakhulu kodwa ...  | [50] |
| 1.6 | Ukuguquka kwemozulu nezoqoqosho.  | [50] |
| 1.7 | Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko esifanelekileyo isincoko sakho. |      |

1.7.1

[Uthathwe ku: [www.colourbox.com](http://www.colourbox.com).]

[50]

1.7.2

[Uthathwe ku: [www.gumtree.co.za](http://www.gumtree.co.za)] [50]**AMANQAKU ECANDELO A:** **50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI EMIDE****UMBUZO 2**

Khetha umhlathi ubemNYE kule ilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 (umxholo kuphela). Khumbula ukuyila.

**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela udade wenu umbalisele ngokuya kwakho kusuku lwabafundi abatsha kwidyunivesithi owamkelwe kuyo. [30]

**2.2 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

Iphephandaba *Daily Dispatch* lipapashe isithuba somsebenzi wase *Standard Bank*, esifuna umntu ophumelele ibanga le-12, onezifundo zezibalo nonolwazi lwekhompyutha.

USandile Silayi unomdla kulo msebenzi. Mncede umbhalele iSivi neleta eyikhaphayo ukuze azithumele kule bhanki. [30]

**2.3 INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini ngomba wemfundo engahlawulelwayo. [30]

**2.4 INGXOXO**

Bhala ingxoxo ephakathi kwabahlali ababini bexoxa ngokuvulwa kwemigodi yezimbiwa kwiindawo abahlala kuzo. [30]

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

**ICANDELO C: IMIHLATHI EMIFUTSHANE****UMBUZO 3**

Khetha umhlathi ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela). Khumbula ukuyila.

**3.1 ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Bhala isibhengezo-ntengiso uthengise uhlobo olutsha lweeteki kwivenkile yakho.

[20]

**3.2 IPOSIKHADI**

Bhalela umhlobo wakho iposikhadi malunga nohambo lwakho lokuya kuchitha iiholide eMauritius.

[20]

**3.3 IMIYALELO**

Ucelwe ngummelwane wakho ukuba umncede ufundise umntwana wakhe ukupheka umngquusho. Mbhalele imiyalelo yokupheka umngquusho.

[20]

**AMANQAKU ECANDELO C:** 20  
**AMANQAKU EWONKE:** 100



